Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek

Byeengebring deur

teachme2

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo Lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama 50
ICANDELO B:	Imizuzu engama 30
ICANDELO C:	Imizuzu engama 40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A noB ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

ITHEMBA

1 Ubomi yimfazwe apho umntu aqubisana neenzima, iintlungu, iintshutshiso neengxaki. Ehleli nje umntu usedabini nenye kwezi zinto. Ithemba liba sisixhobo sokuvika nokuthunga amanxeba omphefumlo kanti nawomzimba. Isimanga sesokuba njengokuba wonke umntu emhlabeni ethembela ngethemba nje ukuze iqobeke imingeni, alinankcaza kuviwana ngayo, lingachazeki nalula. 5

2 Esikwaziyo kodwa ngethemba kukuba wonke umntu ehleli nje unalo ithemba nongenalo uyalifuna. Alinamida yabudala, politiki, nkolo, sini, butyebi nantlupheko. Kwinkcaza yalo kuhlohlwa okuninzi okuquka ukusebenza, ubume bengqondo, iimvakalelo zabantu, abakulindelayo kwiimeko abahlangana nazo eziluzizi, iinkolelo ababanazo ngeemeko abakuzo, kanti nabakuzuza ngokubanalo. 10

3 Utata uDesmond Tutu ulichaza athi, 'Ithemba kukubanako ukubona ulozilozi wokukhanya ngoku ukwisithokothoko sobumnyama.' Igama 'kukubanako' lityhila ukuba alisuki libekho, kufuneka ubenento oyenzayo ukuze libekho. Lisebenza ngokumsebezela umninilo ngaphakathi kuye lisithi, 'Uza kuwophula umqolo lo mnqantsa uqabele ngaphezulu.' Eliza ngolu hlobo ithemba liyaqinisekisa, liphulula namanxeba engqondo ngokumkhumbuza umninilo ngomzuzu ngamnye ukuba konke kuzotshintsha kubengcono. 15

4 Ewe, ikho nenkolelo yokuba ithemba lihlala lihleli kodwa wakukhumbula ukuba kukhe kuthiwe umntu akanathemba, uzibuza ukuba sukuba liyephi. Lilonke likho emntwini ithemba **kuphela** xa liphila lona ngokwalo ngaphakathi kuye. Liyafuna ukuvuselelwa kuba kusenokuthi kanti umnikazi uliyeke lafela kuye ngaphakathi. Lifuna umninilo alihlokoze ukuze livuke. 20

5 USnyder ongugqirha wezobume bengqondo ulichaza ithemba athi libubume bengqondo, ngumnqweno, kukuzimisela nokukholelwa ukuba ungaphumelela, udlule kwiimbandezelo zethutyana zasemhlabeni. Le nkcaza ithetha ukuba ithemba lenziwa ngezinto ezintathu; inkolelo, injongo yobomi kunye nendlela yokufikelela kuloo nto. Umntu onethemba sukuba enayo into azondelele ukuyifumana kungenjalo enendawo ethile azimisele ukufika kuyo. Onethemba ukholelwa ukuba uza kuphumelela. Uyayazi indlela aza kuyithatha ukuze afikelele kwayifunayo. Lona lisebenza ukumfaka endleleni. Omnye umntu angathi ithemba likunika imephu yendlela omawuyithathe. 25 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

6 Ukuthi ithemba lingumthantatho – iplanga elinqumlezileyo lokuweza umntu kwiingxaki zobomi njengebhulorho, kukulichaza ithemba ngokwendlela elisebenza ngayo. Sukuba umntu walo elibona limthantamisa ngokumkhuthaza, limnike amandla limnqwanqwade lide limbonise neyona ndlela. Nalapha kukho ela lizwi lisebezayo lithi, 'Khawulinge *maan* kwakhona, ungancami kuza kulunga.' Lithi lakutsho athi vumbululu umntu abuyele emandleni.

7 Omnye ulichaza ithemba ejonge indlela elisebenza ngayo. Kukho abathi liliyeza. Kule nkcaza liyinto enokunceda, enokusindisa kangangokuba kude kubhekiswe nakumntu onokunceda. Omnye usesibhedlele umntu wakhe uyagula. Umva esithi, 'Kowu sesihleli kweli themba lolu tyando luza kwenziwa ngale njikalanga, sibuye simbone eqhathula umntu wethu.'

8 Yendele nenkolelo yokuba impilo ende nolonwabo ziziqhamo zokubanethemba. Lumka, ukuba ukhe waxhentsisa imiqobo nemingeni yobomi engqondweni yakho, ithemba uligqiba, liphele nya! Kaloku ithemba linalaa nto ithi qhubeka ungene kanye kwitonela elimnyama, uye phambili ngoku ubonayo ukuba kungakho ubungozi, nemiqobo evale indlela. Umntu xa enethemba uyangena kwitonela ngoku ezibona ukuba akazazi ukuba uza kwenza njani, uza kwenza ntoni nini, engazi nokuba kuza kwenzeka njani ukuze aphumele ngaphaya.

9 Ithemba laziwa ngokuphilisa. Lisisixhobo sokumelana nobunzima basemhlabeni. Khumbula, alibulali, liyadanisa. Ngaphezulu alimlahli umninilo lilahlwa nguye. Akulilahla umntu uqobeka amandla, aphelelwe ngumdla wokwenza, angenwe yindyamarha okanye abenengevane. Uyangqina kumbongo ngosiba lwakhe okaMqhayi ukuba akukho kuphila xa ithemba lingekho kwaye ongenathemba uyawufisa nomphefumlo wakhe. Onethemba limnika amandla lithibaze uvakalelo losizi, ligxothe ukubanda ngaphakathi nokuncama kwembala.

10 Usekho umbuzo wokuba lingaba ithemba lintonye okanye lingummelwane nembono yentsingiselo yokuphila eyaqanjwa nguVictor Frankl ngexesha le*Holocaust*. Kulapho wayethi okhe wagula asele ezibulala okanye azinikezele abulawe. UVictor waziwa ngobuqhawe bokusinda kumngcipheko owawukwiikhempu zentshutshiso ze*Holocaust*. Mihla le wayesithi, 'Ukuba ndingagcinwa ndingafi kude kufike umzuzu olandelayo.' Ithemba awayenalo yayilelokuba umzuzu olandelayo ungadala icebo lokumkhupha kula ntshutshiso. Xa ebalisa uthi yena wayehlala ezixelela ukuba akaguli, akananto ezicengela oku kokufumana umzuzu olandelayo. Wawufumana nangoku. Uphilisa imiphefumlo exhwalekileyo ngomzekelo wakhe nanamhlanje.

[Sicatshulwe kwi- Hope From The Conversation.com saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi, www.wikipedia.com waze wahlelwa]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi-1

1.1 Xela zibeMBINI izinto aqubisana nazo umntu ebomini ngokomhlathi wokuqala. (2)

1.2 Nika amagama okanye amabinzana amabini aqulethe intsingiselo yokuba umntu uyalwa ebomini. (2)

Jonga kumhlathi-2

1.3 Caphula ibinzana elinika intsingiselo yokuba akukho mntu ungenalo ithemba. (1)

1.4 YINYANI/BUBUXOKI ukuba izityebi akukho mfuneko yokuba zibenethemba? Xhasa impendulo yakho ngokukulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi-3

1.5 Chaza ithemba ngokukaDesmond Tutu. (2)

1.6 Ngqina ngokukwisicatshulwa ukuba ithemba alisuki libekho. (2)

Jonga kumhlathi-4

1.7 Lizisa ntsingiselo ni ngokubakho kwethemba igama, 'kuphela' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi-5

1.8 Gqibezela isivakalisi esingezantsi;

Inkcaza kaSnyder yethemba ilibona ...

A lilitonela lokuphumela.
B libubume bengqondo.
C lingumthantatho wokuwela.
D liliyeza lokuphilisa. (1)

Jonga kumhlathi-6

1.9 Chaza umthantatho ngokwalo mhlathi. (2)

1.10 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi-7

1.11 Kunika ngcingani ukuthi 'liliyeza' ithemba ngokwalo mhlathi? (2)

Jonga kumhlathi-8

1.12 Caphula isilumkiso esifanele abantu abajijisana nemingeni kulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi-9

1.13 Chasa ngokufumana kulo mhlathi uluvo lokuba umntu angafa kukuba ingenzekanga into ebenethemba layo. (2)

Jonga kumhlathi-10

1.14 Chaza ifuthe lokukhankanywa kwebalana likaVictor Frankl. (1)

IMIBUZO ISICATSHULWA A no B

1.15 Khankanya zibeMBINI izinto anokuzoyika umntu ongenathemba xa efuna ukuwelela ngaphesheya ngokwalo mfanekiso. (2)

1.16 Nika icebiso kumntu ofuna ukuwelela ngaphesheya ngokusebenzisa umhlathi wesi-6 kunye nomfanekiso okwisicatshulwa B. (2)

1.17 Caphula kumhlathi we-8 okungqinelana nomfanekiso okwisicatshulwa B ukukhuthaza umntu onethemba ukuba angatyhafi. (2)

1.18 Ucinga ukuba ezi zicatshulwa zibini zingabancedisa abantu abalahle ithemba ukuba balibuyisele? Xhasa impendulo yakho ngezi zicatshulwa. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezithako ezithe dle ku*WhatsApp* kodwa zingaqondwa uncedo lwazo.** Shwankathela ngeenjongo zokuxhobisa abantu **ngezithako** ezingaqondwayo ezikuWhatsApp kodwa ziluncedo.

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

IZITHAKO EZIYIMFIHLELO YOBOMI KU*WHATSAPP* WAKHO

U*WhatsApp* utyebile ngezithako ezikuphilisa ubomi obumnandi nangona kungafani ncam ukusebenza kweefoni. Baninzi nabantu abangaluqondiyo uncedo lwezithako zika*WhatsApp.*

U*WhatsApp* unezithako zokufomatha ezinokugqamisa umyalezo wakho ubukeke. Singabalula uphawu lokwenza umbhalo ubengqindilili (B), ukekele (*I).* Ungawuhombisa nangokufaka inkwenkwezi phambi komyalezo wakho uze uphinde uhombise ngenye ekugqibeleni.

Konengxaki yokungabinaxesha lokujonga imiyalezo ebalulekileyo ku*WhatsApp,* uphawu olusisithako sokufomatha u*Mark as Unread* lusisisombululo xa ukwazi ukulusebenzisa. Wakulufaka, lukukhumbuza ngokuyiveza ngokwahlukileyo kweminye loo miyalezo ingekafundwa sowuziphumlele ekhaya. Umyalezo ungawuphawula ngokucofa umzuzwana uze lwakuvela uphawu ulukhethe ukuze ufike uwufunde ngexesha lakho lekhefu.

Kukho laa ngxolo ikruqulayo yemiyalezo enkqinkqiza oko xa ukwiqela lika*WhatsApp.* Isithako esiluphawu lokuthulisa ingxolo olubhalwe, *Mute notifications* lungayenza ingangxoli xa ingena imiyalezo. Kaloku, awunakuzikhupha kwiqela kuba uyalidinga kodwa kwingxolo ungazikhupha ngokulula. Ucofa u*Chat*, ukhethe amaxesha emayithule ngawo ngophawu lokuphelisa ingxolo olukwalapho.

Kukho amaxesha ekufuneka uthumele iifayile ezinkulu ngo*WhatsApp* ungena-imeyile. Zisengaquka iifoto neevidiyo. Isithako esinokukunceda yi-ayikhoni yokuncamathelisa ekule ndawo uhleli ubhala kuyo imiyalezo. Ifana ncam nesaa sipeliti sokuqhoboshela amaphepha kunye. Yicofe, uze ukhethe u*Document* kuluhlu oluvelayo, ube sowuyokhetha ngqo oyithumelayo kwiifayili zakho. Ncamathisela. Ihambile. Uphumelele.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Xa usebenzisa ikhompyutha yahlukana nokuba sisinxadanxada phakathi kwayo neselula. Yithi qharha u*WhatsApp Web* kwakwikhompyutha. Umfumana ngokuya ku*www.whatsappweb.com,* kwikhompyutha, uskene ikhowudi eyiQR ngefowuni. Sowuphakathi ku*WhatsApp* omaziyo. Uyababona nabantu onxibelelana nabo.

U*WhatsApp* ukwazi nokukugcinisela imiyalezo yakho ku*Google Cloud* uyifumane kwakhona nokuba ibikade ilahlekile ifowuni okanye uthenge entsha. Isithako u*Chat backup* siluncedo kuwe. Siyigcinisa lula ngokuya ku*Settings* ucofe u*Chats* uye ku*Chat Backup*, ukhethe ubude bexesha othanda igcinwe ngalo imiyalezo.

Nanjengamntu oxakekileyo, kububuchule ukubahlalisa ekuqaleni kwimiyalezo abantu oxhaphake ukunxibelelana nabo bafikeleleke lula kuwe. Sisithako u*Pin Chat* esinokukugcinela ekuqaleni abantu abathathu ubuncinane. Kulula, cofa u*Chat* ukhethe u*Pin Chat* ube ugqibile. Yenza ubomi bubelula. Qala namhlanje ukuziqhelanisa. Ubenohambo olumnandi luka*WhatsApp* uhlaziyekile.

[Sithathwe kupphttps://.media/lifehack/hidden-whats-app-tricks-you-need-to-know]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D

[Icatshulwe ku, ngibuthenge@zip7tayi.com saze sahlelwa]

3.1 Nika isimelabizo endaweni yegama, 'nayiphi' ngokomxholo wale ntengiso. (1)

3.2 Caphula isilogani kule ntengiso. (1)

3.3 Chaza isimntwiso esiqulethwe yile ntengiso. (2)

3.4 Nika isixhobo esinokwenza abathengi bacinge ukuba inkonzo inceda izigulo zamavili. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

3.5 Tyhila indlela umfanekiso wale ntengiso onokutyhafisa ngayo abantu besini esithile bangakuthatheli ngqalelo okuthengiswayo. (2)

3.6 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi.
Isivakalisi esingamkhethisiyo umthengi ukuba uyayifuna na le mveliso.

A Thina sipheth' isisombululo.
B Asibizi mntu asigxothi mntu.
C Thandabuza usiza sokulungiselela.
D Sikuthengisele nelitsha. (1)

3.7 Ucinga ukuba inyanisile intengiso xa isithi, 'nayiphi na ingxaki' iyasonjululwa kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E



[Icatshulwe ku www.jerryscott.com saze sahlelwa]

4.1 Chonga kwisakhelo soku-1, igama elinika intsingiselo yokuba kudala uSara emvusa uZama. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

4.2 Nika isizathu sokuligqamisa ngoonobumba abakhulu igama 'VUKA' kwisakhelo soku-1. (1)

4.3 Chaza intshukumo kaSara ehambelana namazwi akhe akwisakhelo sesi-2. (1)

4.4 Xela imizamo kaSara noBobo engqina ukuba bamxabisile uZama. (2)

4.5 Chaza ukuba ikhathuni ilwenze njani ubaxo kwisakhelo se-5. (2)

4.6 Inika ngcinga ni impendulo kaZama engu'K' ngobudala bakhe kwisakhelo se-5? (1)

4.7 Ngqina okanye uchase ngesizathu ukuba ufanele ukubona impoxo uZama kwicebiso elithi, 'Kungcono siye naye eKholejini' kwisakhelo se-6. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

HAMBA ZOOM!

1 Minazana ithile ndafumana umyalezo owandonwabisa akwehla nobuthongo. Umyalezo wawundibizela kudliwanondlebe lwesithuba somsebenzi ku*Zoom*. Ndiqonde ukuba ikude le ndawo nanjengoko ndiqala ukuyiva, mandizilungiselele ngokucela kudadewethu imali yokukhwela. Nanko udade ecela ukuzibonela umyalezo. Ndibone ngaye sele egigitheka, wathi, 'Yhini! mntakatata, kanti awukayazi nelinki le?' Kaloku le nto ibhalwe luhlaza okwesibhakabhaka inamagama antsakantsaka yilinki, sisitshixo sokuvula umnyango wentlanganiso ka*Zoom*. Ucofa nje apha, uthi gangqa entlanganisweni, ngu*Zoom* ke lowo.

2 Ndaqala ke ngoku ndathi bexe ubuso ndinyephile, kanti ndigagaza nje u*Zoom* ndimphethe ngesandla. Mamela ke intombi kaNomagaxa, yalala yalibala. Nantso iphosa ixesha lokuvuka. Khwaphuphu, sekusele imizuzu elishumi luqale udliwanondlebe. Wangenelela phofu udade ngokube ecofa ilinki engena. Gqi! intombi kaNomagaxa, iwigi ithe gangxa ngathi uthwele imophu, ezityabeke udaka ebusweni, umlomo ubomvana, amaso eyokozela phezu kwalo bhlawuzi imhlophe, wacubhuka udade.

3 Ndizibone sele ndidedwa ndibuliswa ngumntu olapha kwikhompyutha, ndaziphendulela. Basabuncoma nanamhlanje abaphathi ubuhle bam bala mini yodliwanondlebe. Hamba *Zoom*!

[Sithathwe ku*Vimba wabevi*]

5.1 Chonga kumgca wokuqala amagama abemaBINI atyhila ukuba izehlo zezexesha eladlulayo. (2)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.2 Bhala imo emfutshane yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

5.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibekwingxelo-ntetho.

Ndibone ngaye sele egigitheka, wathi: 'Yhini mntakatata, kanti awukayazi nelinki le?' (2)

5.4 Caphula igama elisisakhi sesifaniso kwisivakalisi esingezantsi.

Gqi uNomagaxa, wacubhuka udade, iwigi ithe gangxa ngathi uthwele imophu ... (1)

5.5 Nika intsingiselo eziswa sisimamva u-ana kwigama 'ubomvana' kwisivakalisi esingezantsi.

... ezityabeke udaka ebusweni, umlomo **ubomvana**, amaso eyokozela phezu kwalo bhlawuzi imhlophe. (1)

5.6 Bhala ngokuchanekileyo isikhombisi esikwisivakalisi esilandelayo:

... amaso eyokozela phezu kwalo bhlawuzi imhlophe. (1)

5.7 Caphula kwisivakalisi esilandelayo igama elinika intsingiselo yokuba abaphathi basabukhumbula ubuhle bukaNomagaxa.

Basabuncoma nanamhlanje abaphathi bam ubuhle bala mini yodliwanondlebe. (1)

5.8 YINYANI/BUBUXOKI ukuba igama 'ndaziphendulela' ngokwalo mxholo lithetha ukuguqula ibhlawuzi umphakathi ubengaphandle? Xhasa impendulo yakho. (1)

[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha